Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

MATSHI 2018

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

BANQWALE IINTLOKO ABAHLOLI EMVA KOVAVANYO OLWENZIWE E-GROTTO

Ulwandle lwaseGrotto lunomqondiso wewonga leBlue Flag. Abacebisi abangabahloli baqhwabe izandla besakwaneliseka kukugcinwa kwemiqathango emiselweyo. Emva kokunikezelwa kweli wonga le BlueFlag abahloli bahlala befika ukuza kukhangela isimo. Kubakho ixesha apho bafika bengalindelekanga.

Ukunikezelwa kwewonga leBlue Flag ngumcimbi owenziwa zizizwe zehlabathi othi ugxile/uqwalasele indlela yokulawula amanxweme namalwandle kosingqongileyo ngenjongo yokukhuthaza uphuhliso nezokhenketho. Nangona amazwe engenela inkqubo yokubekwa kweli zinga ngokuzithandela, kodwa ukufumana eli wonga ngumqondiso owamkelwa zizizwe zehlabathi owalatha umgangatho ophezulu ngokuphathelene nococeko lwamalwandle, amaphenyane namazibuko, ukhuseleko, izinto zokuzonwabisa, ulawulo nokufundisa ngokusingqongileyo.

EMzantsi Afrika inkqubo yeli wonga leBlue Flag ilawulwa nguWESSA (iSosayethi yeNdalo yasendle nokuSingqongileyo eMzantsi Afrika).

Ukhuphiswano ngeli wonga lwenziwa kumaxesha omane onyaka, kunjalo nje oomasipala kufuneka bafake izicelo ze kubonakale ukuba amalwandle abo alilungele na eli wonga.

Ngamaxesha athile iisamplulu zamanzi zithathwa zisiwe kwilebhu yabucala ukuze kwenziwe uvavanyo oluzimeleyo.

• Kungoku nje ulwandle lwaseGrrotto lwaziwa ngokubanembasa yeBlue Flag. Ekupheleni koMatshi 2018 eli wonga liza kuba liphelelwa lixesha ebe limiselwe ngokusemthethweni.

U-Laurent Rainbird, ongumbhexeshi we "Blue Flag" e-Overstrand, efotweni ukunye no Johann Durand we 'Blue Flag kumhlaba wonke (ekhohlo) kunye noMphathi, u Rob Slater osuka kumbutho i-"Wessa's Blue Flag"

UMBULELO OSUKA EMAZANTSI ENTLIZIYO UVELA KWI-OFISI KASODOLOPHU NGENXA YOVELWANO LWABEMI BASEOVERSTRAND

Uvelwano oluphuphumayo nenkxaso ebonakaliswe ngabemi kummandla kamasipala wethu luchukumisa intliziyo

Imiyalezo yovelwano nokuqukuqela kwenkxaso engabe ingumnikelo okanye uhlobo oluthile loncedo iyabulelwa kakhulu. Yonke le nto yenza ukuba isikhumbuzo kunye nomngcwabo zitsho ngondiliseko olukhulu. Abantu abanje ngobubele benza ukuba i-Overstrand ibenesidima nesithozela. Enkosi kakhulu!

YONGA AMANZI NGAMAXESHA ONKE: AMANZI AVUZAYO MAWAXELWE KWAMASIPALA NGOKUKHAWULEZA OKUKHULU

Kugquba imbalela kwiphondo lwethu. Loo nto isixelela ukuba kufuneka songe amanzi ngalo lonke ixesha. Qiniseka ukuba awulahlekelwa ngamanzi ngokungeyomfuneko ngokuthi ukhangele iindleko kwiphepha lamanzi rhoqo ngenyanga.

Iindleko ezixhomileyo zamanzi zenziwa zezi zinto zilandelayo:

- **Izifefezi**
- **Ukufunda gwenxa isibonisi-manani**
- **Isibonisi-manani esingasebenzi kakuhle**
- **amanzi avuzayo**

Abo basebenzisa amanzi empompo ngoncedo lwezifefezi ukuze bancenkceshele igadi, amabala ezemidlalo, nezinye izinto ezilolo hlobo bayakhunjuzwa ukuba basebenzise iyure enye kuphela ngosuku phambi kwentsimbi ye 09:00 nasemva kwentsimbi ye-17:00 kabini ngeveki

Ukuba unengcinga yokuba isibonisi-manani sifundwe gwenxa unako ukucela umasipala okufutshane nawe ukuba athelekise iinkcukacha ozinikwa sisibonisi-manani netyala lakho lamanzi, ucele neefoto zesibonisi-manani ezichaza ukuhla nokunyuka kwamanzi akho kwiinyanga ezintathu ezidlulileyo.

Kwiimeko apho iiklayenti zithi zibenegcinga yokuba isibonisi-manzi asisebenzi kakuhle, siqala sikhangele ukuvuza kwicala eliphathwa ngumasipala apha kwisibonisi -manani kungenjalo kweli cala likwipropati yakho.

Ukuba ukuvuza kwamanzi kufumaneka kwicala leklayenti iCandelo elingu 6.8.1 lePolisi elawula i-Ofisi yeeKlayenti, aMatyala neNtlawulo yawo lithi iindleko zokuvuza kwamanzi luxanduva lweklayenti, kukwanjalo nokulungisa le ndawo ivuza amanzi.

UMasipala waseOverstrand unenkqubo ayisebenzisela ukuncedisana neeklayenti ezifumene ukulahlekelwa ngamanzi amaninzi ngokungaqondi. Ukuze ufumane iinkcukacha ngemimiselo nemiqathango yezi nkqubo qhagamshelana neofisi kamasipala ekufutshane nawe okanye ukhangele kwiwebhusayithi yethu ethi **www.overstrand.gov.za**. qhafaza ku"Documents/Policies" emva koko u-tab, kuza kuvela iPolisi ye-Ofisi yeeKlayenti, aMatyala neNtlawulo yawo.

Ukuhlawula iindleko zamanzi amkileyo/ongawasebenzisanga yilahleko enkulu. Kuthintele oku ngokuthi ulungise apho kukho iindawo ezivuzayo(okt. ithoyilethi neempompo/thepu), ngokuvala isitishi xa uza kuba nohambo lweentsuku ezininzi nokulinganisela ngokuko amanzi owasebenzisayo ngalo lonke ixesha. Elinye icebo kukucela umasipala ukuba akufakele isixhobo samanzi abalwayo ze emva koko kumiselwe irhafu omawuyihlawule ngenyanga.

Nceda uqaphele! Ukuphatha-phatha nokukrukrutha isibonisi-manani samanzi kukwaphula umthetho ohamba nomdliwo omkhulu nokohluthwa ilungelo lokufumana iinkonzo zikamasipala.

Sebenzisa i-imeyile yokubuzisa ethi **enquiries@overstrand.gov.za** uchaze ingxaki onayo ngokuphathelele kwiinkonzo zikamasipala, yiya kwiofisi kamasipala okufutshane ukuze kuthelekiswe iirekhodi neenkcukacha zakho:

eKleinmond: ngu 028 271 8400 / 028 271 8465
eHermanus: ngu 028 313 8000 / 028 313 8196
eStanford: ngu 028 341 8500 / 028 341 8516
eGansbaai: ngu 028 384 8300 / 028 384 8328

ISAZISO KUBAZALI: UKUSETYENZISWA KWAMAZIKO ETHALA LEENCWADI NAMABALA APHANTSI KOMASIPALA

Ukufunda ngokuthe cwaka kwiThala leencwadi nokuxhamla kwiinkqubo ezisetyenziswayo phantsi kwesimo esikhuselekileyo yinto enika umdla kubasebenzisi beThala leencwadi. Yiyo loo nto i-Overstrand imisela imithetho ekufuneka ithotyelwe.

Abazali babantwana kunye nabo bangamakhankatha abo banoxanduva lokuqoqa izimilo zabo bangaphukaneki bazibhaqe bephantsi kwemeko yomngcipheko, njengabo bonke abantu abasebenzisa ithala leencwadi kufuneka bahloniphe imithetho ebekiweyo

Umntwana ongayithobeliyo imiqathango ebekiweyo angacelwa ukuba alishiye eli ziko.

Abantwana abangaphantsi kweminyaka eli-10 kufuneka babekwe phantsi kweliso elibukhali ngalo lonke ixesha, abo baneminyaka eli-12 abanakushiywa ixesha elide kakhulu bebodwa okanye ngamaxesha okuvala.

Abazali babantwana namakhankatha abo kufuneka bawagqale amaxesha okuvala, bakhumbulele into yokuba amathala eencwadi akhe avale ngequbuliso ngokunyanzeliswa ziimeko. Luxanduva lomzali/ikhankatha ukuba licacisele abantwana ukuba kufuneka benze ntoni ukuba bayacelwa ukuba balishiye iThala leencwadi.

ISitafu siza kubakhona ukuze sincedise abantwana ngemithombo yolwazi. Abafundi baza kunikwa ixesha elingangeyure ubuninzi ukuba benze izinto ezivumelekileyo (umsebenzi wesikolo nophando-nzulu). Kanti, ke iThala leencwadi alenzelwanga ukugcina abantwana okwexeshana ze loo nto ikhokelele ekubeni abantwana abaphuma esikolweni bagciniswe apha (lo asingomsebenzi weThala leencwadi).

UMasipala akasayi kubanoxanduva okanye abekwe ubutyala ngento enokuthi yenzeke okanye ingenzeki, ukukhangela okanye ukugcina ukhuseleko lwabantwana abancinci apha kwiThala leencwadi ngexesha lokuba besehla benyuka. ISitafu sinelungelo lokuba sitsalele iSebe lokuNyanzeliswa koMthetho lazise ukuba kukho umntwana oshiywe yedwa ngexesha lokuvala, okanye ophantsi kweemeko zomngcipheko okanye ongayithobeliyo imithetho nemiqathango yesitafu.

Izenzo eziphazamisana nokusetyenziswa kweThala leencewadi nee-Ofisi zikaMasipala okanye ukungavisisani nesitafu, abantu abazokufunda okanye abantu basekuhlaleni azivumelekanga kuwo onke amaThala eencwadi eOverstrand okanye kwizakhiwo ezikwalapha kufutshane. Oku kuquka ezi zinto zilandelayo:

- **Ukuziphatha ngendlela ehluphayo okanye egrogrisayo.**
- **Ukubanentlamba nokuthukisa okanye ukusebenzisa iintshukumo zomzimba ngendlela ekrwada.**
- **Ukwenza ingxolo ephazamisayo, equka ukukhwaza xa uthetha kumnxeba ophathwayo.**
- **Ukubaleka, ukuxhuma-xhuma nokuleqana ngaphakathi okanye kwindawo ekufutshane ngaphandle.**
- **Ukulala, ukuphungula ubuthongo okanye ukuhebhuza kwiThala leencwadi**
- **Ukulala nokuhlala phantsi okanye phezu kwetafile okanye kumaziko kamasipala.**

ZIMBINI IIKONSATHI EZICWANGCISWE YI-OAK KWINYANGA KAMATSHI

NgeCawe umhla we-4 unako ukuya kukela iViennese AUNER STRING QUARTET kwiOdithoriyam yoLuntu. iiChamber Music Specialists ziza kudlala amaculo kaBeethoven, uMozart, uSchubert kunye noDoderer. NgeCawe umhla wama-25 kuMatshi, umdlali wohadi uWinand Grundling uza kudlala i-14 Stations of the Cross eHermanus Dutch Reformed Church - lo mculo uya kuhambelana kakuhle neCawe yaMahlamvu. Zombini ezi konsathi ziza kuqala nge 15:30. *Itikiti ngalinye lixabisa i-R140 (ngama-R60 ixabiso ngomfundi ngamnye) kwaye afumaneka kwiOfisi yeZokhenketho eMitchell Street. Batsalele umnxeba ngokusebenzisa le nombolo 028 312 2629. Ukuba ufuna iinkcukacha ezithe vetshe qhagamshelana noRené du Plooy ongunoNobhala ngale nombolo 082 940 4238.*

O·A·K
overstrand arts • kuns*

UMSEBENZI WOKUPHUCULA UMGANGATHO WESITISHI SENJINI YELINDLE UZA KUQALA

Ngumthetho ukuba ngamaxesha athile onke amaziko anezibonelelo zikarhulumente ahlaziywe ukuze abesemgangathweni. Ngoku lixesha lokuba kuphuculwe umgangatho wesitishi esinenjini yelindle eBientang nokwakhiwa kwesinye isitishi esitsha esinenjini yelindle. Umsebenzi wokunyuswa kohobolozela wombhobho ozakufunxa ilindle kweli ziko uqalise ngoLwesithathu umhla we-17 kuJanuwari 2018 kumbindi wesixeko saseHermanus(ngentla kweZibuko eliDala).

Isivumelwano esibophelelayo sekhontrakthi sithi wonke lo msebenzi kufuneka ube sele ugqityiwe ekupheleni ko-Agasti walo nyaka.

Ithenda yakhutshwa yaza le khontrakthi yafunyanwa ngabakwa A2 Loodgieters. Umsebenzi uqalisa ngentsimbi ye 09:00 ukuya kwintsimbi ye-18:00 ngoMvulo ukuya kutsho ngoLwesihlanu.

Ukongeza kwizinto eziza kuphazamiseka ezifana nezithuthi ezindleleni, kukho abo bahlala kulo mmandla nabo banemicimbi abayihambelayo apha. Kufuneka balindele ukuphazamiseka kwethutyana ngeli xesha lokwenziwa kwalo msebenzi.

UMasipala waseOverstrand uyaxolisa ngophazamiseko oluza kwenzeka ngeli xesha lokuba kuzabe kusetyenzwa kule ndawo. Kanti ke abahlali mabazi nje mhlophe ukuba olu phazamiseko yinto nje encinane xa kuthelekiswa noko kuyakuthi kuxhamlwe ngabantu kwixesha elizayo.

NguPatrick Robinson owongamele le projekthi kodwa esikhundleni sikaMasipala waseOverstrand kwaye uyafumaneka ngokutsala umnxeba ngale nombolo 028 313 5046 okanye ngokusebenzisa le imeyile probinson@overstrand.gov.za. Abantu onokuqhagamshelana nabo xa ufuna ukuqonda ngezinto eziphathelele nokuqhutywa komsebenzi e-A2 Loodgieters nguAndré Nel kule nombolo (082 805 2134) okanye uJohnny Blokland kule nombolo(071 973 1342).

FAKA IGAMA LAKHO KWI-DATABASE YASE-OVERSTRAND ZE UFUMANE IMIYALEZO YE-SMS

Iiklayenti zinako ukusebenzisa i-database yeSMS kwamasipala zifake iinombolo zazo zomnxeba ophathwayo ukuze zifumane 'ezakutsha nje' iindaba ngokuhanjiswa kweenkonzo , njengezi zilandelayo-

- IThuba likaxakeka, umz. imililo yamadlelo, iimpuphuma neengxaki eziphathelene nezithuthi ezindleleni;
- UKUPHAZAMISEKA NGAMAXESHA ATHILE APHO UBUXHAKAXHAKA BOKUTHUMELA AMANZI NOMBANE NGOTHUNGELWANO BUZA KUVULWA BULUNGISWE. UPHAZAMISEKO OLUPHANTSI KOLAWULO LUKA-ESKOM ALUBANDAKANYEKI.



ULIFAKA NJANI IGAMA LAKHO UKUZE UFUMANE INKONZO YOKUTHUNYELWA IMIYALEZO YE-SMS NGUMASIPALA:

Thumela i-imeyile kule dilesi enquiries@overstrand.gov.za okanye uqhagamshelane neClient Services Officer kwiRates Hall ekufutshane nawe ukuba ufuna isebenze le nkonzo yokuthunyelwa imiyalezo yeSMS ngumasipala. Nceda usebenzise i-akhawunti yakho kwamasipala njengesazisi sakho.

eKLEINMOND: 33 Fifth Avenue, Kleinmond; 028 271 8400
eHERMANUS: Magnolia Street, Hermanus; 028 313 8000/8111
eSTANFORD: 17 Queen Victoria Street, Stanford; 028 384 8500
eGANSBAAI: Main Road, Gansbaai; 028 384 8300

• Iinkcukacha zakho ziza kuba yimfihlo akukho mntu unokufikelela kuzo.